Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

AGASTI 2021

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IMPUMELELO KUMBANE ONGOMNYE OLUNGISELELWE I-OVERSTRAND

Ngomhla wama-21 kuMeyi 2021, uMasipala wase-Overstrand usayine iSivumelwano seNkqubo yoSetyenziso kunye nenkampani yoshishino lombane ohlaziyiweyo, i-Enpower Trading, kuthatyathwa amanyathelo okuqala okungena kwimarike yombane ohlaziyiweyo ngendlela eluhlaza nezinzileyo.

Le mbali yesivumelwano ibalulekileyo iya kunceda umasipala okokuba athabathe olu ncedo lwemimiselo yombane emitsha eyinguqu ukusuka kukuxhomekeka ku-Eskom ukuya kumbane ohlaziyiweyo.

USekela Sodolophu wase-Overstrand, u-Elnora Gillion, ugxininise into yokokuba nangona umasipala angayi kubanakho ukwahlukana no-Eskom ngokupheleleyo, uzibophelele ekufuneni iindlela ezizezinye zokuvelisa kunye/okanye ukuthenga umbane ukuzama ukuthoba impembelelo yokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo kumashishini engingqi nakubahlali.

UMlawuli Nikolai Germann uchaze into yokuba i-Enpower Trading (Pty) Ltd yinkampani yoshishino lombane yoMzantsi Afrika eyilwe yiSolarAfrica Energy, inkampani yophuhliso kunye nemali yesola ephezu kophahla, kunye neShishini loMbane, ifemu yophuhliso norhwebo lombane lwe-Afrika.

Uchaze into yokokuba uyilo loshishino lwe-Enpower Trading ngumthombo wombane ohlaziyiweyo ovela kubavelisi bombane abazimeleyo, ukuwuqhubea kuwo wonke umbane kumasipala ngokupheleleyo, nokunikezela ngamandla aluhlaza kubathengi abanomdla ngesaphulelo kwimirhumo yombane ekhoyo.

"I-Enpower Trading ibuyekeza oomasipala ngokusetyenziswa kothungelwano lwabo kunye nemirhumo kamasipala njengoko ivunywe ngumlawuli wesizwe iNERSA. Emva kwexesha, i-Enpower Trading iya kuphuhlisa izisombululo zokugcinwa kombane wengingqi ukukhusela iqela labavoti bakamasipala kumngcipheko wokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wokusetyenziswa kombane" utshilo uGermann.

Isivumelwano sihambelana neenjongo zomgaqo-nkqubo wombane wesizwe kunye nolawulo lwecandelo lombane.

Imisebenzi yorhwebo iya kuqalisa nje ukuba imvume inikezelwe kwi-Enpower Trading yiNERSA. Qaphela, ngoko, imisebenzi yoshishino lombane kwi-Overstrand isala ixhomekeke kwimvume yeNERSA yemirhumo kamasipala.

UMlawuli kaMasipala wase-Overstrand, uDean O'Neill, uqinisekise abahlali base-Overstrand ngento yokokuba nangona ingqikelelo kunye nemiqathango esetyenzisiweyo iyeyamanye amazwe, "kufuneka sisebenzise ingqiqo yethu ukulungiselela thina okokuba siqhubele phambili. Umasipala uya kulandela iinkqubo ezizizo ngenyameko efanelekileyo kwiinzame zakhe zokwenza 'umbane oluhlaza' wenzeke njengohlobo olulolunye". Wangezelele into yokokuba i-Overstrand izibophelele ekuncedeni i-Enpower Trading ngenkqubo yokwenziwa kwesicelo sephepha-mvume kwiNERSA ukunceda ekwaphuleni umona we-Eskom.

Kuqikelelwa into yokuba ngasekupheleni konyaka, inkqubo yokunikezelwa kwamaxabiso yi-Enpower Trading yokutyunjwa kwabanikezeli bombane abazimeleyo (ii-IPP) kuya kuqukunjelwa yaye ezi IPP ziya kuqalisa ngokwakha imizi-mveliso ukulungiselela ukuvelisa umbane ohlaziyiweyo oya kuthunyelwa kwiintambo zombane ezizisa umbane zikamasipala.

ISIVUMELWANO SEMBALI SISAYINIWE: Ababekho kukusayinwa kweSivumelwano seNkqubo yoSetyenziso yayinguSekela Sodolophu uElnora Gillion, uMlawuli kaMasipala uDean O'Neill, Enpower Trading Director Nikolai Germann, uMlawuli Ophezulu wase-Overstrand, weeNkonzo zoMbane uKoos du Plessis, Enpower Trading Director Charl Alheit kunye noMlawuli weZibonelelo noCwangciso waseOverstrand uStephen Müller.

UKUGUQULWA KWENKUNKUMA IPHINDE ISETYENZISWE KWAKHONA EHERMANUS NAKUMMANDLA OYINGQONGILEYO KUZA KUQALISWA NGOSEPTEMBA

Uvuselelo lwemathiriyeli neziko lokulahlwa kwenkunkuma loluntu lisakhiwa ngokwakaloku nje eHermanus. Umfanekiso ubonisa indawo isakhiwo sentsimbi esibangele ulibaziseko.

Ukwakhiwa kweziko elitsha lovuselelo lwemathiriyeli nokulahlwa kwenkunkuma luluntu eHermanus lihlangabezene nezithintelo ezininzi.

Ngaphambili ngoMatshi kulo nyaka, imimoya enamandla ibangele umonakalo omkhulu kwizakhelo ezithathu zentsimbi ezakhiweyo njengesakhiwo esiya kuba yinxalenye yesi sakhiwo.

Xa kwakuhlolwa, iinjineli zesakhiwo zafumanisa okokuba uhlobo lwentsimbi olusetyenzisiweyo kwezi zakhelo zikumgangatho ophantsi ze zayalela ikontilaka okokuba ifune uhlobo olwahlukileyo lwentsimbi. Ngokuthambekele kukunqongophala okukhoyo kwilizwe, oku kubangele ulibaziseko olumalunga neenyanga ezintathu kwinkqubo yolwakhiwo.

Nangona kunjalo, ulwakhiwo luyaqhubeka yaye iziko lifaneleke okokuba libe likulungele ukunikezelwa kumsebenzisi otyunjiweyo ofanelekileyo ku-Agasti. Ngokuphathelelene noku kungasemva, isimemo sokunikezelwa kwamaxabiso sokusetyenziswa kweli ziko savalwa kudala yaye zonke iithenda ezifunyenweyo ziyavavanywa ngokwaloku nje.

Ukuba ngaba yonke into ihamba ngokwezicwangciso, uvuselelo lwemathiriyeli eHermanaus nakwimimandla eyingqongileyo luya kuqalisa ngoSeptemba.

Abahlali baya kwaziswa ngendlela yesaziso sikarhulumente ngomhla ngenkqubo yengxowa ezimbini yokuqokelelwa kwengxowa oya kuqaliswa ngawo kqakhona.

ISIMEMO ESIVULEKILEYO ESIYA KULUTSHA LWASE- OVERSTRAND:

JOYINA INGXOXO ZE USIXELELE INTO OYIDINGAYO

UMasipala wase-Overstrand uyayivuma into yokokuba sonke kumaxesha amaninzi sizisengela phantsi iimbono zabantu abatsha eziphathelelene nendlela esenza ngayo izinto.

Inyaniso yile, nangona, yokokuba asiziva iimbono zenu kuba niychase kakhulu nayiphi na into ekhangeleka ngathi "yeburhulumente".

Yaye asinakunibeka tyala: Ngubani ongavela nje aye kwintlanganiso yekomiti yewodi okanye athathe ithuba ***lokubhala ileta*** kuCeba wakho [ononobumba omkhulu C]?

Kwelinye icala lelokokuba ngaphandle kokuba usixelele into oyidingayo, asingeze sazi ukuba masisabele njani.

Kwicala elingasentla, sithe safumana indlela enivakalisa ngayo iimbono zenu: Nikhetha isithuba esikhuselekileyo apho ingqwalasela iya kujolis ngokupheleleyo kwimicimbi yolutsha.

Ngenxa yesi sizathu, siseke iDesika yoLutsha apho singanxibelelana nani sithethe malunga naloo micimbi enichaphazelayo ukulungiselela okokuba sisebenze kunye ekuvuleni amathuba aya kuthi aphucule ukulunga kobomi benu.

Kodwa ukuze siqinisekise ngento yokuba iDesika yoLutsha inikezela inkonzo efaneleke ngenene kubantu beqela elibudala buyiminyaka eli-16 ukuya kuma-35, sidinga uncedo lwenu.

Ukuqalisa, nceda uzalise iFomu yeDesika yoLutsha ze uyibuyisele kuthi ngokukhawuleza. Uya kuyifumana le fomu nakuyiphi na kwezi ndawo zilandelayo:

- Kwiwebusayiti yethu: www.overstrand.gov.za
  Yiya kuMAXWEBHU (DOCUMENTS), khetha iiFOMU ze ufumane "iiFomu ezihlaziyiweyo zedesika yolutsha". Zivule ze uzalise uxwebhu.
- Thumelela nawuphi na kwaba bantu balandelayo ze ucele ifomu:
  youthdesk@overstrand.gov.za, LEDtemp5@overstrand.gov.za,
  okanye rsalies@overstrand.gov.za
- Tyelela ii-ofisi ekufutshane nawe yeLED eGansbaai, eStanford, eKleinmond, eHawston okanye eHermanus, okanye iZiko leThusong Centre eliseHawston ze ucele ifomu.

Kule fomu, unakho ukusixelela ngaphezulu ngeemfuno zolutsha kummandla wakho (kubandakanywa iimfuno zoqeqesho nophuhliso lwamakhono) ze wabelane nathi ngeembono zakho ezimalunga neendlela zokuqwalasela intswela-ngqesho kwi-Overstrand.

Ukuba ngaba ungathanda ukufumana unxibelelwano oluvela kwiDesika yoLutsha malunga neenkqubo ezithile okanye amalinge acwangciselwe ummandla wakho, nceda usinike inombolo yeselula okanye idileys ye-imeyile. Unxibelelwano luya kwenziwa kusetyenziswa uWhatsApp okanye i-imeyile, kuxhonyekekwe kukukhetha kwakho.

HAMBISA INGCACISO: LEBHELISHA ZE WABELANE NOKU!

UKUPAKA KWICBD YASEHERMANUS

UMasipala wase-Overstrand ufumene umbuzo ovela kwiWodi 3 ophathelelene nolawulo lokupaka kwiCBD yaseHermanus.

Isityholo senziwa sokokuba ngokwakaloku nje, indawo yokupakai ayifumaneki kwiCBD emva kwentsimbi yesi-09:00. Kwachazwa ngokunjalo into yokokuba oku kwaphula umoya kakhulu kubathengi abangakho, abadingeka kakhulu ukuvuselela uqoqosho kwiCBD.

NgokukaCeba weWodi 3, uCebakhulu. Kari Brice, oku bekusebenza kakuhle kwixa elidlulileyo ngeli thuba kwakunyanzeliswa umrhumo wokupaka njengoko oku kukhuthaza abantu okokuba bapake, benze imicimbi yabo ze bahambe, ze ngoko kuvuleleke izithuba zokupaka kumthengi olandelayo. Le ndlela yarhoxiswa okwethutyana ekuqaleni kowama-2020 ngenxa yobhubhane weCovid-19.

Ngokuhambelana noMlawli kaMasipala wase-Overstrand, uDean O' Neill, umasipala akanakho ukumilisela inkonzo yokupaka kusetyenziswe abagcini bokupaka de izinto zibuyele esiqhelweni eziphathelelene nobhubhane,

Umngeni ngowokuba abagcini bendawo yokupaka basebenza ngemali ezinkonzo, ekufuneka ibalwe ze ihlawulwe ngamathuba athile. Oku, kunye nenani labagcini abaya kwii-ofisi, akuhambelani nemiqondiso yokhuselo ekufuneka iqwalaselwe. Ngokuthambekele kwinto yokokuba ilizwe lambethwe liliza lesithathu lolwasuleleko ze lazifumana likwinqanaba lesi-4 lokuvalwa kwayo yonke into, esi simo siyanyanzeleka ukuba sihlale singaguquki kixesha elizayo.

Amaziko aneevenkile ezininzi zokuthenga anakho, ngoko, arhafise imirhumo yokupaka njengoko imimandla okupaka yawo esebenza ngokuzimela kwimimandla yokupaka kamasipala.

Usamkelekile ukupha oonogada beemoto bengingqi (abanxibe iivesti zokhuselo eziluhlaza, ezi-orenji, ezityheli okanye ezipinki) ngethuba alichithileyo ukugada imoto yakho.

INETHI YEDREYINI YASEHAWSTON EBIWEYO

Kutshanje, inethi yokuqokelela amanzi esichotho yafakwa eHawston ukuthintela inkunkuma ekungcoliseni iPaddavlei yabiwa.

UPenelope Aplon ophuma kwiiNkonzo zoLawulo lweNdalo zoMasipala wase-Overstrand uthi sonakele ngokupheleleyo yaye sikhathazekile bobu busela.

"Asisazi isizathu esinokubangela ukuba umntu ebe le nethi. Mhlawumbi iya kusetyenziselwa imisebenzi yokubambisa okanye ukubambisa iintlanzi ngokungekho mthethweni. Mhlawumbi isakhelo sentsimbi sathengiswa njengentsimbi engasetyenziswayo," utshilo.

IPaddavlei ngumgxobhozo obuthathaka echatshazelwe lungcoliseko nokukhula ngokugqithisileyo ziingcongolo. Ukuncitshiswa kwenkunkuma efikelela kwesi sixokelelwano, ngokunjalo nokususwa okucwangcisiweyo kweengcongolo, kuya kumisela uthantamiso oludingeka kakhulu kule ikhosistim.

ISebe leeNkonzo zoLawulo lweNdalo loMasipala wase-Overstrand, ngentsebenziswano neDyer Island Conservation Trust, lifakele ikawusi yokuqala yokuhluza amanzi esichotho eHawston ekuqaleni kukaJuni ukubamba iinkunkuma nobutyobo obuthi bukhukhuliselwe kwisixokelelwano emva kwesichotho. Ikawusi yenziwe ngenethi ze ifakwe kumbho bho kwindawo yokukhupha amanzi esichotho ukubamba nayiphi na inkunkuma phambi kokuba iphelele elwandle. Ukuba ngaba ububonile obu busela, nceda uxelele isebe kule nombolo 028 316 3724. Cela ukuthetha noMlawuli weNdalo, uPenelope Aplon, uze unikezelo ngengcaciso epheleleyo kangangoko unakho.

Ukuthintela ulwaphulo-mthetholwendalo ololu hlobo, abahlali bayacelwa ukuba baxele nasiphi na isehlo sokubambisa iintlanzi ngenethi okungekho mthethweni kuNyanzeliso loMthetho lwase-Overstrand (028 313 8996) okanye kwigumbi lolawulo lweeyure ezingama-24 (028 313 8111).